**MOSSEL BAY MUNICIPALITY**

**NOTICE: WATER RESTRICTIONS**

Notice is given herewith in terms of Section 21 of the Local Government: Municipal Systems Act, No. 32 of 2000 of the following Resolution E127-09/2019 taken by Council Meeting on 26 September 2019:

*"1. That in terms of Section 18 of the Water Services By-Law and the Mossel Bay Municipality Water Demand Management Policy the following restrictions shall apply as from **1st November 2019** to all users of potable water as the total available water supply has dropped to between 60% and 50%:*

*1.1 Watering of gardens may only be undertaken for one hour per day between 18:00-19:00, two days per week. No irrigation systems may be used. Even numbered households ONLY Mondays and Thursdays. Uneven numbered households ONLY Tuesdays and Fridays. Watering with a garden hose may only take place if it is hand-held.*

*1.2 At sports fields, only the watering of cricket pitches, golf course greens and bowling greens is permitted for two hours per day. Tuesday and Friday mornings before 09:00.*

*1.3 No hosing of roofs, driveways and any other surface and no washing of vehicles with a garden hose will be permitted.*

*1.4 The filling of swimming pools at households are prohibited.*

*1.5 Accommodation establishments and hotels must lodge an application with the Municipal Manager for relief in this regard and to fill up their swimming pools.*

*1.6 Identification of areas with high water pressure and/or high water consumption for the installation of pressure reduction and/or flow lowering devices.*

*1.7 Effective awareness processes must be followed.*

*2. That if the total available water supply drops in volume to between 50% and 40% the following restrictions shall apply*

*2.1 No irrigation systems may be used.*

*2.2 No attached garden hose or automatic irrigation equipment may be used. Watering of gardens only by means of a bucket during the times determined in 1.1 above.*

*2.3 The approved tariffs for a dam water supply below 50% will apply.*

*2.4 No hosing of structures, roofs and driveways and no filling of swimming pools.*

*2.5 Stricter policing and implementation of complaint line and whistleblower's facility.*

*2.6 Consultation with bulk consumers in the industrial and business sectors as identified through the billing system.*

*2.7 Only the watering of golf greens, cricket pitches and bowling greens permitted. The watering of all other types of sports fields are prohibited.*

*2.8 Effective awareness processes must be followed.*

*2.9 Identification of areas with high water pressure and/or high consumption for the installation of pressure reduction and flow lowering devices.*

*2.10 Flow restricting devices will be installed in those households using more than 20kl of water per month and the cost thereof will be for the consumer.*

*2.11 Fines will be issued for transgressions of these water restriction measures when the total available water supply drops below 50%.*

3. *That in terms of the Water Demand Management Policy the Municipal Manager in consultation with the Executive Mayor be authorised to implement or waive the above restrictions and any additional control measures as may be required depending on the circumstances prevailing at the time.*

4. *That a water resilience task team consisting of Executive Management and members of Mayoral Committee be formed to assist the Municipal Manager and Executive Mayor in taking decisions around water conservation and demand management during the drought period.*

5. *That it be noted that only indigent households will receive 6kl of free water per month when the dam level drops below 30%.*

6. *That the Director: Infrastructure Services prioritizes interventions to reduce water leakages and non-revenue water.*

7. *That the Director Infrastructure Services implements measures to effectively manage groundwater resources in the rural areas.*

8. *That any contravention of these restrictions be deemed to be an offence in terms of Section 102 of the Mossel Bay Municipality Water Services By-Law and that it be acted upon accordingly.*

This notice is open for public inspection during office hours at the Municipal Offices and Libraries in Mossel Bay, Hartenbos, Herbertsdale, Great Brak River, Friemersheim, Kwanonqaba and D'Almeida and on the municipal website, www.mosselbay.gov.za.

Any enquiries may be directed to Mr. E Louw on telephone number 044 606 5270, by e-mail: elouw@mosselbay.gov.za or Mr. T van Zyl on telephone number 044 606 5273, by e-mail: tvanzyl@mosselbay.gov.za or fax number 044 606 5062.

**ADV THYS GILIOMEE**
**MUNICIPAL MANAGER**

## UMASIPALA WASE MOSSEL BHAYI

## ISAZISO: UNYINO/UCUTHO LWAMANZI

Esi sisaziso esikhutshwa phantsi kweSolotya 21 loMthetho kaRhulumente waseMakhaya: uMthetho weeNkqubo zooMasipala, Nombolo 32 ka 2000 malunga nesi Sigqibo silandelayo E127-09/2019 esathatyathwa kwiNtlanganiso yeBhunga ngomhla wama 26 Septemba 2019:

"1. *Ukuba phantsi kweSolotya 18 loMthetho weeNkonzo zaManzi kunye noMgaqo-nkqubo kaMasipala wase Mossel Bhayi omalunga noLawulo lwemfuno yamanzi, le miqathango ilandelayo iyakusebenza ukusukela kowe* ***1 Novemba 2019*** *kubo bonke abasebenzisi bamanzi aphathwayo ngenxa yokuba ubonelelo ngokupheleleyo lwamanzi luye lwehla lwaya kuma phakathi kwe 60% ne 50%:*

   1.1 *Ukunkcenkceshelwa kwezitiya kuyakwenziwa kuphela isithuba seyure enye ngosuku phakathi ko 18:00 – 19:00 iintsuku ezimbini ngeveki.Iinkqubo zonkcenkceshelo azivumelekanga.Amakhaya aneenombolo ezibala ngezibini KUPHELA ngeMivulo nangooLwezine.Amakhaya aneenombolo ezimnqakathi KUPHELA ngooLwezibini nangooLwezihlanu.Ukunkcenkceshela ngombhobho kungenziwa kuphela xa umbhobho lowo uphethwe ngesandla.*

   1.2 *Kumabala ezemidlalo, kuphela lunkcenkceshelo lwamabala eqakamba (ikhrikethi), uhlaza lwamabala egalufa kunye nohlaza lwamabala ebhola ejulwayo okuvumeleke iiyure ezimbini ngosuku.Ngolwesibini nangoLwesihlanu phambi ko 09:00 kusasa.*

   1.3 *Akuvumelekanga ukutshizwa kweendledlana ezihamba izithuthi*

*emakhaya kunye nayiphina eminye imigangatho kwanokuhlanjwa kwezithuthi ngemibhobho yamanzi.*

*1.4 Akuvumelekanga ukugcwaliswa ngamanzi kwamaqula okuqubha emakhaya.*

*1.5 Amaziko abonelela ngeendawo zokuhlala kunye neehotele kufuneka zingenise isicelo kuMphathi kaMasipala ukuze axolelwe kulo mbandela kwanokugcwalisa amaqula okuqubha.*

*1.6 Ukutyunjwa kweendawo ezinoxinezelelo oluphezulu lwamanzi kunye/okanye nezisebenzisa amanzi kakhulu ngenjongo yokufakelwa kwezixhobo ezicutha okanye ezithoba ukuphuma kwamanzi.*

*1.7 Iinkqubo zokwazisa ezifezekileyo kufuneka zilandelwe.*

*2. Ukuba umthamo okhoyo wobonelelo lwamanzi uyehla ukuya kufikelela phakathi kwe 50% ne 40%, le miqathango yinyino ilandelayo iyakusetyenziswa:*

*2.1 Akuyi kuvumeleka ukusetyenziswa kweenkqubo zonkcenkceshelo.*

*2.2 Akuyi kuvumeleka ukusetyenziswa kwemibhobho yokunkcenkceshela iigadi nencanyathiselwe kumakhaya okanye iinkqubo zonkcenkceshelo ezizisebenzela ngokwazo.Ukunkcenkceshelwa kwezitiya (iigadi) ngokusebenzisa amabhakethi amanzi ngala maxesha achazwe ku 1.1 apha ngentla.*

*2.3 Ixabiso eligunyazisiweyo lobonelelo lwamadama elingaphantsi komyinge oyi 50%, liya kusebenza.*

*2.4 Akuvumelekanga ukutshizwa kwezindlu, amaphahla kunye neendledlana ezingena kumakhaya ngemibhobho yamanzi kunye nokugcwaliswa kwamaqula okuqubha.*

*2.5 Umiselo lwesipolisa kunye nokusetyenziswa kwemijelo yezikhalazo kunye namaziko oontamnani.*

*2.6 Uqhagamshelwano kunye nabasebenzisi abakhulu benkonzo yamanzi kumacandelo emizi-mveliso kunye namashishini njengoko kuya kubonakaliswa kwinkqubo yokukhutshwa kwamatyala.*

*2.7 Kuphela kukunkcenkceshelwa kwamabala aluhlaza egalufa, aweqakamba kunye nawebhola ejulwayo okuya kuvumeleka.Unkcenkceshelo lwawo nawaphina amanye amabala emidlalo akuvumelekanga.*

2.8 *Iinkqubo ezifezekileyo zokwazisa kufuneka zilandelwe.*

2.9 *Ukutyunjwa kweendawo ezinoxinezelelo oluphezulu lwamanzi kunye/okanye nezisebenzisa amanzi kakhulu ngenjongo yokufakelwa kwezixhobo ezicutha okanye ezithoba ukuphuma kwamanzi.*

2.10 *Izixhobo ezicutha ukuhamba kwamanzi ziya kufakelwa kuloo makhaya asebenzisa ngaphezu kwe 20kl zamanzi ngenyanga kwaye neendleko zesixhobo ziyakuba zezomnini wekhaya.*

2.11 *Imidliwo iyakukhutshelwa abo bophula le miqathango yonyino lwamanzi xa umyinge opheleleyo wobonelelo lwamanzi uhle waya kufikelela kwi 50%.*

3. *Ngokwemiqathango yoMgaqo-nkqubo woLawulo lweMfuno Yamanzi, uMphathi kaMasipala kunye noSodolophu wesiGqeba bayakugunyaziswa ukuba bayinyanzelise okanye benze uxolelo kule miqathango ingentla kwakunye namanye amanyathelo olawulo anokuba yimfuneko ngokuxhomekeka kwiimeko ezikhoyo ngelo xesha.*

4. *Iqela eliluqilima elisebenzayo eliquka uLawulo lwesiGqeba kunye namalungu eKomiti kaSodolophu liyakumiselwa ukuncedisa uMphathi kaMasipala kunye noSodolophu wesiGqeba ekuthabatheni izigqibo malunga nokongiwa kwamanzi kwanolawulo lwemfuno yamanzi ngexesha lembalela.*

5. *Ukuba kuqondwe ukuba kuphela ngamakhaya ahluphekileyo ayakufumana i6kl yamanzi mahala ngenyanga xa umthamo wedama uye wehla ukuyakufikelela ngaphantsi kwe 30%.*

6. *Ukuba uMlawuli weeNkonzo zaMaziko amisele phambili iinkqubo zongenelelo ukucutha ukuvuza kwamanzi kwakunye namanzi angenayo ingeniso.*

7. *Ukuba uMlawuli waMaziko asebenzise imiqathango ngokufezekileyo ukulawula imithombo yamanzi aphuma ngaphantsi komhlaba kwiingingqi zasemaphandleni.*

8. *Ukuba naluphina utyeshelo lwale miqathango luyakuthatyathwa njengolwaphulo-mthetho phantsi kweSolotya 102 loMthetho kaMasipala wase Mossel Bhayi omalunga neeNkonzo Zamanzi kwaye oko kuyakuthatyathelwa amanyathelo ngokufanelekileyo.*

Esi saziso sivulelekile ukuba sihlolwe luluntu ngexesha leeyure ze-ofisi kwii-Ofisi zikaMasipala nakuMathala eencwadi eMossel Bhayi, eHartenbos, eHerbertsdale, eGroot Braka, eFriemersheim, KwaNonqaba nase D'Almeida nakwikhasi lothungelwano likamasipala, www.mosselbay.gov.za .

Nayiphina imibuzo ingabhekiswa ku Mnu E Louw kule nombolo yomnxeba 044 606 5270, nge-imeyile: elouw@mosselbay.gov.za okanye ku Mnu T van Zyl kule nombolo yomnxeba 044 606 5273, nge-imeyile : tvanzyl@mosselbay.gov.za okanye kule nombolo yefeksi 044 606 5062.

**GQWETHA THYS GILIOMEE**
**UMPHATHI KAMASIPALA**